basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LOKUQALA (P1)

## NOVEMBA 2013

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2 iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha ali-14.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Ulwimi | (40) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.

5. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

6. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**IZIGQIBO ESIZENZAYO**

1 Ndisandul'ukufunda ngegqiyazana eliselula eliphelelwe lithemba. Lathunyelwa eyunivesithi nguninakhulu ukuze liphucule ikamva lalo lincede nosapho lwalo lakube ligqibe ukufunda. Eli nenekazi layilibala ngokukhawuleza le nto laliyiyele apho eyunivesithi. Laqala ngokuzibandakanya neqela labafundi abangendawo, lathengisa iziyobisi, lingaziyekanga ukuzisebenzisa. Emva koko laqalisa ukuthengisa ngomzimba walo.

2 Into ebuhlungu kukuba imeko yalo yayingabonakalisi themba, liziva livalelekile kukungazi ukuba maliqale njani ukuziphucula nokuziphuhlisa. Ukungena kwalo kule ndlela laqala ngesigqibo esasingenabungozi. Ngobunye ubusuku lagqiba kwelokuba lizonwabise. Lazonwabisa, layitya lade layigqiba tu imali yalo yesikolo yonyaka. Likhangele iindlela zokwenza imali ezikhawulezileyo, lisiya kwiindawo ngeendawo lade lazifumana kwindawo elingazange lizicingele ukuba lingaba kuyo.

3 Ubomi bulululuhlu lwezigqibo ezikhulu nezincinci. Xa ndicinga ngento endigqiba ukuyifunda, ndifumanisa ukuba izigqibo ezikhangeleka zilula kakhulu zingakukhokelela kwiziphumo ezibuhlungu nezixakekisa kakhulu. Ezinye izigqibo zinempembelelo encinci ebomini bethu. Ezinye zisichaphazela ixesha elide kwaye ezinye zingadala iziphumo ezingenakukwazi ukubuyiselwa umva.

4 Amakholwa amaninzi akholelwa ekubeni uMdali nguye ogqibayo ngobomi bomntu ngamnye oza emhlabeni. Ngamanye amazwi, yonke into eza kwenzeka sele yagqitywa kwangaphambili. Andifuni kugxibha okanye kutyhola mntu, kodwa ndicinga ukuba okwenzekileyo kusisiphumo sezigqibo zethu. Xa umntu egqiba kwelokuba aqhube imoto ezitshize ngeenyembezi zikaVitoliya, sukuba ezikhethela ukungena engozini. Kunjalo nakwabo bathetha okanye bathumela imiyalezo kwiiselfowuni zabo beqhuba.

5 Into engummiselo yona ziziphumo zezigqibo zethu. Umfundi ogqiba kwelokuba makonwabe endaweni yokuba afunde, ukhetha ukungaphumeleli kwizifundo zakhe. Umntu ogqiba kwelokwenza ulwaphulo-mthetho, nangona zikhawuleza zifezekiseke iinjongo zakhe uphelela kwesimnyama isisele. Kwelinye icala umntu okhetha indlela ethembekileyo, esokole enjalo, siyancumisa isiphelo sakhe.

6 Into eyoyikisa kakhulu yeyokuba izigqibo zakho zingangachaphazeli wena wedwa zichaphazele wonke umntu okungqongileyo zide zichaphazele nezizukulwana ezingekazalwa. Ukukwazi ukwenza izigqibo sisipho esikhulu esisuka kuMdali. Sinakho ukuba sizakhele inyaniso yethu kwaye sitshintshe ihlabathi lethu, kodwa olo luxanduva olukhulu. Umba ophambili ayingowokuba uza kwenza isigqibo okanye awuzi kusenza, kukuba nokungasithathi isigqibo kukwasisigqibo esizifihlileyo.

7 Nazi ke izixhobo ezinokukunceda ukuba wenze izigqibo ezizizo. Okokuqala, kuphephe ukwenza izigqibo ezikhawulezileyo kuba ngokungxama wongeza amathuba akho okwenza izigqibo ezingezizo. Kufuneka uthathe ixesha elaneleyo uyijikajika into ekufuneka uthathe ngayo isigqibo. Isigqibo esikhawulezileyo sisekelwa kulwazi olungaphelelanga. Ukwenza uphando phambi kokuba uthathe izigqibo, kungakunceda wazi ukuba isigqibo esithile kwimeko ethile siba neziphumo ezinjani. Xa usenza izigqibo ezikhawulezileyo uzibona sele usenza nezigqibo ezisekelwe kwimvakalelo, hayi kwinyani. Ukuba uthatha ixesha elaneleyo, izinto zingacaca.

8 Okwesibini, cinga ngengqondo, hayi ngeemvakalelo. Kuphephe ukwenza izigqibo xa iimvakalelo zakho zichukumisekile; mhlawumbi xa ukhathazekile. Xa unomsindo, intlungu okanye usizi, akukwazi ukucinga phangaleleyo. Izigqibo zeemvakalelo ziphelela ekuzisoleni. Phucula ukucinga kwakho. Njengokuba usondla umzimba ngokutya okulungileyo ukuze uhlale usempilweni, ingqondo nayo kufuneka yondliwe ngolwazi olululo ukuze ithathe izigqibo ezizizo.

9 Okokugqibela, kubalulekile ukuba ufune umcebisi. Ukuba awunaye umcebisi, itekhnoloji inakho ukwenza ukuba ucetyiswe ngabantu mhlawumbi ongasoze udibane nabo. Maxa wambi asiwahoyi amacebo esiwanikwa felefele kuba sijonge umntu aphuma kuye singazazi ukuba siyazibulala. Nokuba icebo lisuka kumama ongazange aye esikolweni okanye kumsebenzi wegadi limamele hleze kuthi kanti lilo eliya kukusa empumelelweni. Khumbula, yikhathalele indlela owenza ngayo izigqibo zakho, ukuze uvune okukuko ekuhambeni kwexesha.

[Icatshulwe *kwiBONA* Epreli 2012; iphepha le-102, yahlelwa]

Jonga kumhlathi 1

1.1.1 Lalithunyelwe ngayiphi injongo eli gqiyazana eyunivesithi? (1)

1.1.2 Laqala ngokwenza ntoni eli gqiyazana phambi kokuba lithengise iziyobisi? (1)

Jonga kumhlathi 2

1.1.3 Cacisa eli binzana; '... liziva livalelekile.' (1)

1.1.4 Chonga isivakalisi esithetha ukuba eli nenekazi lalingazi ukuba malibutshintshe njani na ubomi balo. (1)

1.1.5 Ukukhangela kwalo imali ngeendlela ezikhawulezileyo kwalikhokelela entwenini eli nenekazi? (1)

Jonga kumhlathi 3

1.1.6 Yinyani okanye luluvo oku kuthethwa sesi sivakalisi?

Ubomi bululuhlu lwezigqibo ezikhulu nezincinci. (1)

1.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Owona mba uphambili kulo mhlathi kukuba:

A Ukuthatha izigqibo kufanele abantu abadala.
B Izigqibo esizithathayo masizixelelwe ziitshomi zethu.
C Izigqibo esizithathayo, nokuba zincinci okanye zikhulu zichaphazela ubomi bethu. (1)

1.1.8 Gqibezela eli qhalo, Inkqayi ingena ... ukucacisa le ntetho;

'Ukungena kwalo kule ndlela laqala ngesigqibo esasingena-bungozi.' (1)

Jonga kumhlathi 4

1.1.9 Uluphikisa athini umbhali olu luvo?

'Ngamanye amazwi, yonke into eza kwenzeka sele yagqitywa kwangaphambili.' (2)

1.1.10 Chaza ukuba igama, 'ukutyhola' lithetha ukuthini? (2)

Jonga kumhlathi 5

1.1.11 Matanisa isigqibo okanye isiphumo esikuKholam B nomzekelo okuKholam A:

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| 1.1.11.1 Ukungaphumeleli kwizifundo | A Isigqibo |
| 1.1.11.2 Indoda egqiba kwelo kwenza ulwaphulo-mthetho ... | B Isiphumo |

(2)

Jonga kumhlathi 6

1.1.12 Eli binzana lingezantsi lizisa silumkiso sini kulutsha?

'... nokungabi nazigqibo kukwazizigqibo ezizifihlileyo.' (1)

Jonga kumhlathi 7

1.1.13 Kuluncedo njani ukuphanda ngeziphumo phambi kokwenza izigqibo? (2)

Jonga kumhlathi 8

1.1.14 Yintoni umahluko phakathi kokucinga ngengqondo nokucinga ngeemvakalelo? (2)

Jonga kumhlathi 9

1.1.15 Kokuphi okungcono ukufuna umcebisi ombonayo nokucetyiswa ngabantu ongabaziyo? (2)

1.1.16 Olu lwazi luziswa ngumbhali kwesi sicatshulwa lubalulekile. Ngqina oku. (2)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2 Jonga lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.




**Ugqirha wamazinyo *olifong kong***

[Ithatyathwe kwi-Intanethi yaza yahlelwa]

1.2.1 Ngesivakalisi esinye bhala ngokuqhubeka kulo mfanekiso. (1)

1.2.2 Sixhobo sini esiphethwe ngugqirha wamazinyo? (1)

1.2.3 Ucinga ukuba esi sixhobo usixele ku 1.2.2 sifanelekile ekukhupheni amazinyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.4 Khetha impendulo echanekileyo:

Ukuthi *lifong kong* lo gqirha umzobi uthetha ukuba;

A Ngugqirha ongumakhwekhwetha wamazinyo.
B Ngugqirha ongaphelelanga.
C Ngugqirha waseTshayina. (1)

1.2.5 Ubonakala ezimisele ukuwuvala ngantoni umngxuma lo gqirha? (1)

1.2.6 Uthini umyalezo odluliswa yile khathuni? (1)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze usishwankathele ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

- Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 uze uzicwangcise ngendlela ehambelanayo nethungelanayo.
- Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo, ubhale ngawakho amazwi, ungawulahli umxholo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.
- Ubude bomthamo wesishwankathelo mabungadluli kumagama angama-60.
- Kunyanzelekile ukuba ulibhale ngokuchanekileyo inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo.

**UBOMI EMVA KWEMATRIKI**

Wenza ntoni wakuphumelela ibanga le-12? Abanye abafundi bayadikwa kukuphendula lo mbuzo mihla le. Nokokuba ngaba izicwangciso zakho zezokuya eKholejini, uyokufuna umsebenzi okanye uyaphumla, nazi iingcebiso onokuzilandela xa ulungiselela obo bomi.

Abanye abafundi bazazi besebancinane ukuba bafuna ukuba phi nokuba baye njani apho. Ayingomfundi wonke oqinisekayo ngezicwangciso zakhe. Abanye abafundi bakufika eKholejini benza izifundo abacinga ukuba bayazithanda ze emva konyaka bazitshintshe baqale ezinye. Iingcali zithi bamalunga neepesenti ezi-75 (75%) abafundi abenza njalo. Isikolo asiyondawo yokuqeqeshela ukufumana imfundo enomsila (ephakamileyo) nomsebenzi obhatala imali entle kuphela, sikwayindawo apho ufunda ukuzazi nangelizwe.

Ukuba uza kuya eKholejini kubalulekile ukuba wenze izicwangciso kwangethuba. Kufuneka wazi ukuba sesiphi isikolo ofuna ukuya kuso, uza kuyibhatalela njani imfundo yakho. Kufuneka wazi amandla akho, izinto onomdla kuzo; umzekelo: ezenzululwazi okanye ezoshishino.

Yenza uphando ngesikolo eso onomdla kuso, ungabuza kubafundi abangaphambili kuwe abafunda kweso sikolo ofuna ukuya kuso, okanye kutitshala wakho kungenjalo kwiKholeji leyo ofuna ukuya kuyo. Ungajonga nakwiwebhusayithi yeso sikolo, emva koko usindwendwele uqiniseke ukuba yindawo oya kuyithanda.

Kwabanye abafundi ukuya eKholejini akuyo nto ilula mpela, baba noloyiko. Mhlawumbi sukuba kuza kuba kokokuqala ukuba umfundi azimele, okanye akakakulungeli oko engekakulungeli nokuya kusebenza. Nokuba sesiphi na isizathu, ungaphumla kunyaka olandelayo ucinge kakuhle. Oko ke kuxhaphakile kumazwe anje nge*United Kingdom,* kwaye kwaziwa njenge '*gap year*'. Nokuba ngaba uthatha ikhefu lonyaka kubalulekile ukuba uzenze izicelo zokuya kufunda eKholejini. Elo thuba lekhefu lithathe njengethuba lokwenza izinto ongazuphinda ube nalo ithuba lokuzenza.

Oko kuya kukunceda ufumane izakhono zobomi ezinjengokucwangcisa imali, ukwenza umsebenzi wokuvolontiya njalo njalo.

Uya kuthini ukuba abazali bakho banezabo izicwangciso ngobomi bakho? Thetha nabo kakuhle ubacacisele ngezakho izicwangciso nezizathu zazo.

[Icatshulwe kwi-intanethi yaze yahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

### UMBUZO 3

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo esekwe kuso.




[Ithatyathwe kwi*Bona* Magazini: April 2012 yaza yahlelwa]

3.1 Sithengisa ntoni esi sibhengezo? (1)

3.2 Ngoobani abanokuba nomdla kwesi sibhengezo? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.3 Simthembisa ngaluphi uncedo umthengi esi sibhengezo? (1)

3.4 Chonga isivakalisi esisilumkiso esisetyenziswe ngumthengisi ukutsalela abantu kwimveliso yakhe. (1)

3.5 Ucinga ukuba kutheni umbhali wesi sibhengezo ewabhale ngefonti encinci amagama ...

Qalisa ukonga ngemali esukela kwi-R50? (1)

3.6 Umfanekiso wenenekazi uyincedise njani le ntengiso yeJust save? (1)

3.7 Isimamva sesenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi sisetyenziselwe ntoni?

Yongela amaxesha kaxakeka. (1)

3.8 Isihlomelo u 'kakhulu' kwisibhengezo usetyenziselwe ...

Khetha impendulo echanekileyo:

A Ukucacisa isenzi.
B Ukunceda abantu xa bekwingxaki enkulu yemali.
C Sixela umntu ofuna imali. (1)

3.9 Bhala eli binzana, 'Uyakuyidinga' ngendlela efanelekileyo. (1)
**[10]**

**UMBUZO 4**

Jonga le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo:




[Ithatyathwe kwi-intanethi yaze yahlelwa]

4.1 Unokuba uyintoni lo mntu uthetha noVakele kule khathuni? (1)

4.2 Le ndlela abuza ngayo umntu othetha noVakele kwisakhelo-1 ibonisa;

A Ukukruquka kwesithethi.
B Ukuvuyela kwesithethi ukubuzwa umbuzo.
C Ukuba nomdla wokuba athethe uVakele. (1)

4.3 Ucinga ukuba lo mbuzo kaVakele ufanelekile? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.4 Cacisa intetho ethi, '... uvuna obukulimile.' (2)

4.5 Ibonisa ntoni inkangeleko yobuso bukaVakele kwisakhelo sesi-4? (1)

4.6 Xela isixhobo esingamkelekanga esikolweni esiphethwe ngumntu othetha noVakele. (1)

4.7 Kutheni kusetyenziswe uphawu lokhuzo endaweni yesingxi kwisakhelo-4? (1)

4.8 La mazwi athethwa nguVakele, 'Hayi ke libala!' abonisa ukuba uyamkele le ngcebiso? (1)
**[10]**

## UMBUZO 5

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**IsiLungu bethuna siyabasokolisa abantu!**

Zizwe zakuthi ndithanda ukunixhobisa ngendlela yokuthetha isiLungu. Sisokolisa umntu, kodwa akhona amacety**ana** endinawo ukuze ungazilumi xa uthetha uGeorge.

Umntu makayame ngodonga xa eza kukhumsha ukwenzela ukuba xa athethe ngohlobo olungelulo angazibhaqi sele esiwa khithatha phantsi. Umfana othile ogama linguFeleba ukhe wahlazeka ezama **ukuthetha** uGeorge erestyu.

Uthe esakubona ukuba **ibala** labantu aba lapha erestyu limhlophe, **wakrwempa** intloko wangqisha ngeenyawo. Ingxaki kukuba ulibele igama lento aze kuyithenga (i*chicken).* Ube ngalicinga eli gama alaphuma tu. Uncedwe ngumntu othenga amaqanda ngokuba eve xa esithi; '*can I have eggs please*', wawubona umfanekiso wawo. Waxhuma wathi; '*Yeses! I get it, just want the mother of this.'* Watsho ekhomba amaqanda.

[Ithatyathwe kwi*Skawara News*: Tshazimpuzi]

5.1.1 Khetha isimelabizo sibe sinye kwesi sicatshulwa singentla uxele nodidi lwaso. (2)

5.1.2 Isimamva u-**ana** obhalwe ngqindilili kwisibizo, 'amacetyana' sibonisa ntoni? (1)

5.1.3 Dibanisa ezi zivakalisi zibini ngokusebenzisa igama elikwisibiyeli.

Abantu mabafundiswe. Abantu abasazi isiNgesi. (kuba) (1)

5.1.4 Nika uhlobo lwesenzi esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi

UFeleba wahlazeka ezama **ukuthetha** uGeorge. (1)

5.1.5 Bhala phantsi igama elisisihlomelo sendawo esilapha kwesi sicatshulwa singentla. (1)

5.1.6 Sebenzisa igama, 'ibala' kwisivakalisi ukuze kuvele intsingiselo eyahlukileyo kule ikwisicatshulwa. (1)

5.1.7 Kwesi sicatshulwa singentla kukho amagama angapelwanga kakuhle, walungise uwabhale ngendlela efanelekileyo. Bhala igama elo kuphela. (3)


5.1.8 Chaza umahluko oziswa yindlela abhalwe ngayo amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi.

Le nto yokulibala igama lento oze kuyithenga yenziwa kukuzixakekisa. (2)

5.1.9 Xela udidi lwesichazi esikrwelelwe umgca ngaphantsi esilapha kwesi sicatshulwa. (1)

5.1.10 Nika isithethantonye segama, 'wakrwempa' kwesi sicatshulwa. (1)

5.2 Jonga lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.




[Ithatyathwe *kwiBona Magazini,* Epreli 2012]

5.2.1 Bhala isininzi segama, 'ikhaya'. (1)

5.2.2 Igama elithi, 'ibhotwe' linika umfanekiso wokuba yindlu enjani le?

Khetha impendulo yakho kwezi:

A Yindlu eneefestile ezinkulu.
B Yindlu enkulu entle.
C Yindlu yasedolophini. (1)

5.2.3 Guqula esi sivakalisi sibe kwimo elandulayo.

UAaron uvule izandla. (1)

5.2.4 Lungisa igama elikwizibiyeli kwisivakalisi esingezantsi lifundeke kakuhle.

Umfana (ukonwaba) phambi kwendlu yakhe. (1)

5.2.5 Guqula le ntetho ibe kwingxelo-ntetho. Qala ngolu hlobo: UAaron uthe ...

UAaron uthi, 'Izulwana lam linamagumbi amabini okulala.' (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**